I have a person of mine, he eats with the head and  
breathes through the tail.

It is a pipe.

F. MODERN INSTRUMENTS AND MEANS OF COMMUNAL TRANSPORT

450. Ndinanto yam ibaleka esibhakabhakeni.  
Yinqwelontaka.

I have a thing of mine, it runs on the sky.

It is an aeroplane.

451. Ndinamntu wam akanantloko, akanandlebe akanamlomo kodwa  
uyathetha, unamehlo kodwa akaboni.  
Ngunomathotholo.

I have a person of mine, he has no head, no ears, no  
mouth but he speaks; he has eyes but he is unable to  
see.

It is a radio.

452. Ndinasilo sam sivuka kowaso silambile sihambe siginya  
abantu endleleni sihambe ithutyana siginye abanye,  
abanye sibakhuphe.  
Yibhasi.

I have a wild beast of mine, it wakes up hungry, leaves  
home and swallows people on the way; it goes for a while  
and swallows some again, and vomits others.

It is a bus.

453. Ndinanto yam ithwala abantu ngeembambo.  
Nguloliwe.

I have a thing of mine, it carries people with its ribs.

It is a train.

454. Ndinamntu wam unamehlo kodwa akaboni ubonelwa ngomnye.  
Yimoto.

I have a person of mine, he has eyes but he cannot see  
and somebody sees for him.

It is a bus.

455. Ndinanyoka yam inde inkulu kuzo zonke ezilapha emhlabeni.  
Sisiporo sikaloliwe.

I have a snake of mine, it is the longest and biggest of  
all snakes in this world.

It is the railway line.

456. Ndinazim lam libonakala ngothuli lingekaveli.  
Yimoto.

I have a cannibal of mine, you see dust before it appears.

It is a car.

457. Ndinamntu wam unomkhitha ngokwenkabi yehashe.  
Nguloliwe.

I have a person of mine, he is as handsome as a horse.

It is a train.

458. Ndinanto yam ibona ngeliso elinye.  
Nguloliwe.

I have a thing of mine, it sees with only one eye.

It is a train.

459. Ndinanja yam iyavungama kodwa ndakuyibetha ihambe  
ayilumi.  
Yimoto.

I have a dog of mine, it roars but when I beat it it  
goes and does not bite.

It is a car.

460. Ndinaxhalanga lam liginya umntu liwele naye ulwandle.  
YiAeroplane.

I have a vulture of mine, it swallows a person and crosses  
the sea with him.

It is an aeroplane.

461. Ndinankosikazi yam iyakikizela yakufika emzini wayo.  
Sisitimela xa sifika esikhululweni.

I have a wife of mine, she cheers when she arrives at  
her house.

It is a boat when arriving at the harbour.

462. Ndinanto yam ingesuka eRhini iye eKapa ithwele abantu,  
kodwa ayinamgaqo.

YiAeroplane.

I have a thing of mine, it can leave Grahamstown and  
go to Cape Town carrying people, but it has no road.  
It is an aeroplane.

463. Ndinamntu wam uhleba nomntu angamboniyo.

Yimfonomfono.

I have a person of mine, she gossips with a person whom  
she does not see.

It is the telephone.

464. Ndinamntu wam ulixoki uthwal'iindaba azisis'eNgilani  
azizis'apha.

Ngunomathotholo.

I have a person of mine, he is a liar; he carries news  
from England and brings it here.

It is the radio.

465. Ndinasongololo lam lifile kodwa lihamba nam.

Nguloliwe.

I have a millipede of mine, it is dead but it goes with  
me.

It is a train.

466. Ndinantsikizi iyarhuluba.

Nguloliwe xa abaleka emgaqweni.

I have a ground hornbill, it crawls on its belly.

It is the train when it runs on its rails.

467. Ngomfazi wam okhazi lingafezwayo.

Nguloliwe.

With a woman of mine whose lobola cannot be completed.

It is a train. (You have to pay everytime you board it).

468. Ndinamntu wam akahambi engachukunyiswanga.

Ngumashini.

I have a person of mine, he does not move without being  
touched.

It is a machine.

469. Ndinamntu wam akacingi kuthetha engachukunyiswanga.  
Yimoto.

I have a person of mine, he will not speak unless he  
has been touched.

It is a motor-car.

470. Ndinandlu yam ihamba nam.  
Yimoto.

I have a house of mine, it goes with me.

It is a motor-car.

471. Ndinambiza yam ivuthiswa kukubaleka.  
Yimoto.

I have a pot of mine, it is smade to cook by running.

It is a motor-car.

472. Ndinasidudu sam sidla intsimbi sizigqibe.  
YiPetrol.

I have a porridge of mine, it eats iron and finishes it.

It is petrol.

473. Ndinamoto yam yasoloko inyuka iqhina.  
YiPrimus Stove.

I have a car of mine, it is always climbing a steep  
place.

It is a primus stove.

474. Ndinabantu bam babini bayahamba omnye akaboni, uyabuza  
ukuba Siyaphi ngoku, Siyaphi?  
Ngamavili ebhayisekile.

I have people of mine, there are two of them, they are  
walking. One is blind and asks: "Where are we going  
now, where are we going"?

It is the wheels of a bicycle.

475. Ndinanto yam ayiyo yam ndendwa ilihilihili kodwa  
ayinazinyawo.  
Yimali.

I have a thing of mine, it is not mine alone, it is a  
vagabond but it has no feet.

It is money.

476. Ndinanto yam ibamba ngentloko imini yonke.  
Sisikhonkwane.

I have a thing of mine, it holds with its head the  
whole day.

It is a nail.

Roads, Bridges, Beacons, Bells, Coffins, etc.

477. Ndinamfo wam uhl'enyuka akhweze kodwa akashukumi.  
Yindlela.

I have a fellow of mine, he goes up and down and across  
but he does not move.

It is a road.

478. Ndinanto yam iyahamba kodwa ayishukumi.  
Yindlela.

I have a fellow of mine, it travels but it does not move.  
It is a road.

479. Ndinanto yam isuka eMonti iye eBhayi ingakhange ishukume.  
Yindlela.

I have a thing of mine, it leaves East London and goes  
to Port Elizabeth without having moved.

It is the road.

480. Ngomntu wam angathi elapha abe eseLusuthu.  
Yindlela.

With a person of mine, who, while here, can be in  
Lesotho as well.

It is a road.

481. Ndinanto yam imi kwanti.  
Yibhakani.

I have a thing of mine, it is standing in the veld.

It is a beacon.

482. Ndinamntu wam uhleli kwanti ethafeni akathethi namntu.  
Yibhakani.

I have a person of mine, he is sitting in the veld, he  
talks to no one.

It is a beacon.

483. Ndinamfazi wam ume ethafeni unxibe iqhiya emnyama.  
Yibhakani.

I have a woman of mine, she is standing in the veld with  
a black head cloth on.  
It is a beacon.

484. Ndinamntwana wam ume yedwa kwanti waluse inkomo ecaleni  
kwehlathikazi.  
Yibhakani.

I have a child of mine, he is standing alone in the  
forest, he is looking after cattle near a large forest.  
It is a beacon.

485. Ngomntu wam umi ethafeni uthwele iqhiya emnyama unxibe  
ilokhwe emhlophe.  
Yibhakani.

By my person, he is standing alone in the veld with a  
black head cloth and a white dress on.  
It is a beacon.

486. Ndinanto yam ikhala kuve nophi-phi-phi.  
Yintsimbi.

I have a thing of mine, when it cries it is heard by  
everybody even those who are far away.  
It is a bell.

487. Ndinagwala lam ndilibetha likhale kuve nophi-phi-phi.  
Yintsimbi.

I have a coward of mine, when I beat him he cries and  
is heard by everyone, even those who are far away.  
It is a bell.

488. Wayenza wayithengisa, owayenzayo zange ayisebenzise  
owayisebenzisayo zange ayibone.  
Yibhokisi yomngcwabo.

He made it and sold it; the one who made it did not use  
it, the one who used it did not see it.  
It is a coffin.

G. LOCATIVE IDEAS : PLACES, CHURCHES, SCHOOLS, HOUSES, ETC.

489. Ndinamntu wam unamathumbu athethayo.

Yindlu enabantu phakathi.

I have a person of mine, his intestines speak.  
It is a house with people inside.

490. Ndinanyoka yam iginya abantu mihla le iphinde ibakhuphe.  
Ligumbi lesikolo.

I have a snake of mine, it swallows people everyday  
and vomits them out again.

It is a classroom.

491. Ngendlu yamavila.

Bubuhlanti benkomo, ezitshayeli ekuseni namatshona.

With a house of lazy people.

It is the cattle kraal; they do not sweep in the  
morning and at sunset.

492. Ndinamntu wam abakhe abantwana ubagcina emathunjini  
nokuba sebengakanani na.

Yindlu egcina abantu phakathi.

I have a person of mine, his children he keeps in his  
intestines, no matter how many they are.

It is a house which keeps people in it.

493. Ndinamntu wam, soloko ndimnyathela kodwa akakhalazi  
nakanye.

Yindlu phantsi.

I have a person of mine, I am always treading on him but  
he does not complain even once.

It is the floor of a house.

494. Ndinakosikazi yam, ihlala yodwa iveki yonke, ihlangana  
nabantu kabini nakathathu ngeveki.

Yindlu yeCawa.

I have a woman of mine, she stays alone the whole week;  
she meets people twice or thrice a week.

It is a church building.

495. Ndinaziduli zam zimhlophe zikulo lonke elimiweyo.

Zizindlu zeCawa.

I have antheaps of mine, they are white they are all  
over the inhabited world.

They are church buildings.

496. Ndinanto yam ilanga likhanya-nje kanye kuyo lingabe  
likhanye.  
Lingcwaba.

I have a thing of mine, the sun just shines in it once  
and never shines again.

It is a grave.

497. Ngexhego lomzi.  
Lizala.

With the old man of the home.

It is the rubbish heap.

498. Ndinasiqithana sam ekudityanwa kuso ngokwesiko lesiXhosa.  
Yinkundla.

I have an open space of mine where gatherings are held  
according to Xhosa custom.

It is the "inkundla" (High Court).

499. Ndinanto yam ithanda ukubuthelwa ngabantu kodwa ithi  
yakugula ndiyicekise.  
Liziko xa libaswayo, abantu bayalithanda lakucima  
bangalinaki.

I have a thing of mine, people like to gather round it  
but when it is ill they loathe it.

It is a fire-place, when there is fire burning people  
like it, but when the fire is out they do not take any  
notice of it.

500. NdinaSikepe sam simi echwebeni.  
NguSpantowu xa uvela ngaseAberdeen.

I have a ship of mine, it is standing at the docks.

It is Spandouskop when you approach from Aberdeen.

501. Ndinabafo bam, bayaxhentsa, banamfo uxhentsa ngentloko.  
Ligqili.

I have fellows of mine, they are dancing, they have a  
fellow who dances on his head.

It is the Orange River, because it flows to the West  
while all the other rivers flow to the East.

H. TIME WATCHES AND CLOCKS

502. Ndinamntu wam wafa kudala kodwa uyaphila ngaphakathi. Yiwotshi.

I have a person of mine, he passed away long ago but he is alive inside.

It is a watch.

503. Ndinamntu wam akadinwa kukusebenza ubusuku nemini ngaphandle kokuba angafa ukuze angasebenzi. Yiwotshi.

I have a person of mine, he does not get tired of working, he works day and night, it is only death which can stop him from working.

It is a watch.

504. Ndinamthi wam unamasebe amane kuze kulo mthi kuphinde kubekho amasetyana alishumi nambini.

I have a tree of mine, it has four leaves, in this same tree there are again twelve leaflets.

Ngunyaka, iikota ezine kunye nenyanga ezilishumi elinesibini.

It is the year, its four quarters and twelve months.

505. Ndinamthi wam unamasebe alishumi elinambini. Kula masebe kukho izindlu zentaka ezine kwisebe ngalinye. Lo mthi wahlukene kane njengokuba unamasebe alishumi elinambini nje.

Lo mthi unamasebe ali-12- Ngunyaka. Ezi zindlu zine ziveki ezenza inyanga. Oku kwahlukana kane zikota ezenza unyaka.

I have a tree of mine, it has twelve leaves. There is a bird's nest in each leaf. This tree is divided into four apartments as it has twelve branches.

The tree with twelve leaves is the year.

The four bird nests are the weeks of a month.

The four apartments are the quarters of the year.

506. Ndinamithi yam ilishumi elinambini. Emthini ngamnye kukho indlwane ezine, endlwaneni nganye kukho amaqanda asixhenxe.

Ngunyaka unenyanga ezilishumi elinambini.  
 Kwinyanga nganye kukho iveki ezine.  
 Kwiveki nganye kukho iintsuku ezisixhenxe.

I have trees of mine, they are twelve, in each tree there  
 are four nests. In each nest there are seven eggs.  
 It is the year with twelve months.  
 In each month there are four weeks.  
 In each week there are seven days.

507. Ndinamntu wam unosizi gqitha, ngamanye amaxesha umva  
 selekhala kakhulu.  
 Yiwotshi.

I have a person of mine, he is too compassionate, some-  
 times you hear him crying very loudly.  
 It is a watch.

508. Ndinamawele am, mabini, elikhulu limhlophe elincinane  
 limnyama.  
 Yimini nobusuku.

I have twins of mine, the elder is white the younger is  
 black.  
 It is day and night.

509. Ndinamadoda am mabini ayaleqana. Enye imhlophe, enye  
 imnyama, le imhlophe iphambili, ithi le imnyama ibe  
 semva. Maxa wambi ishiywa kude le imnyama maxa wambi  
 icuthe.  
 Yimini nobusuku.

I have young men of mine, there are two of them, they  
 chase each other. One is white and the other is black.  
 The white one is in front and the black is behind.  
 Sometimes this black one is left far behind, while at  
 other times he closes the gap.  
 It is day and night.

510. Ndinamthi wam unamasebe alishumi nambini, anamagama onke.  
 Umthi ngunyaka, amasebe ziinyanga.

I have a tree of mine, it has twelve branches. All of  
 them have names.  
 The tree is the year, the branches are the months.

511. Ndinanto yam ndiyishiya apha, ndifike ikwenye indawo.  
Yiwotshi.

I have a thing of mine, I leave it here and find it in some other place.

It is a watch or clock.

512. Ndinamntu wam umzimba ufile amathumbu aphilile.  
Yiwotshi.

I have a person of mine, the body is dead, the intestines are living.

It is a watch.

513. Ndinamntu wam ukhuza ubusuku nemini.  
Lixesha (Yiwotshi).

I have a person of mine, he expresses sympathy night and day.

It is time (a watch/clock).

514. Ndinamadoda am alishumi linane, alishumi nambini akha udonga, amabini abethelela uphahla.  
Yiwotshi.

I have men of mine, there are fourteen of them, twelve are building a wall, two are fixing the roof.

It is a watch (clock).

515. Ndinahashe lam amathumbu alo akhala lonke ixesha.  
Yiwotshi.

I have a horse of mine, its bowels rumble all the time.  
It is a watch.

516. Ndinagqwirha lam lihamba abantu belele.  
Yiwotshi.

I have a witch of mine, she goes about while people are sleeping.

It is a watch/clock.

517. Ndinamntu wam uthi akulamba athi tu, athi akuhlutha aloqe yonke into ephantsi kwelanga.  
Yiwotshi ithi yakuphelelwa ingahambi, ithi yakuwayindishwa ihambe.

I have a person of mine, when he is hungry he keeps

quiet, when he is full he babbles about everything under the sun.

It is a clock or a watch when it is run down it does not move, but when it has been wound it ticks.

LIST OF STORY CONUNDRUMS

1. Usephupheni, kukho ingyama phambi kwakho, yindlovu ngasemva, liliwa kwelinye icala, ingumlambokazi kwelinye. Ungathini ukuze usinde?

You are in a dream, there is a lion in front of you, an elephant behind. A steep rock on one side and a big river on the other awaits you. What can you do to save yourself.

Ungavuka kuba ubuphupha.

You simply wake up because you were dreaming.

2. Kwakukho amadada edada edamini elikhulu. Kwagqitha elinye idada lathi, "Molweni madada alikhulu". Athi, "Asilikhulu ukuze sibelikhulu kufuneka wongeze isiqingatha sethu nawe ngaphezulu." Ayemangaphi la madada?

There were ducks swimming in a big dam. There passed one duck nearby and said: "Hullo, hundred ducks". They said in reply: "We are not hundred, in order to be a hundred you must add a half of us together with you.

How many ducks were there?

Ayengamashumi amathandathu anesithandathu.

There were sixty-six.

3. Kwakukho amadada edada edamini elikhulu. Kwagqitha elinye lathi "Molweni madada alikhulu". Athi, "asilikhulu, ukuze sibelikhulu kufuneka abangangathi, isiqingatha sethu ikota yethu, nawe ngaphezulu." Ayemangaphi la madada?

There were ducks swimming in a big dam. There passed one duck nearby and said: "Hullo, hundred ducks". They said in reply: "We are not a hundred, in order to be a hundred you must add other ducks which are equal to us in number, a half of us, a quarter of us, and you.

How many ducks were there?

Ayengamashumi amathathu anesithandathu.

There were thirty-six.

4. Ndinamadoda amathathu, omnye ngunyana weyokuqala, omnye nguyise komnye, omnye ngunyana wale ndoda yesibini. Kufuneka la madoda elele. Iibhedi endinazo zine, wona mathathu. Ndingathini ukuze kungabikho bhedi ingenamntu?

I have three men, one is the son of the first man, another is the father, the third one is the son of the second man. These men must get to bed. I have four beds, but they are three. What can I do so that there is no spare bed?

Utata wale ndoda yesibini ungambeka kwibhedi yokuqala, indoda yesibini iziziqu ezibini kuba ingunyana kwaye ikwanjutata wale ndoda yesithathu ngoko ke uza kulala kwibhedi yesibini neyesithathu. Eyesine ibhedi iza kulala le ndoda yesithathu.

The father of the second man is going to occupy the first bed. The second man is the son and at the same time is the father of the third man, therefore he is going to occupy the second and third beds. The fourth bed is going to be occupied by the third man.

5. Kukho onyana ababini notata ababini, izitya zithathu, ibe ngulowo kufuneka atyele esityeni sakhe ngaxesha nye. Ungenza njani?

There are two sons and two fathers, the dishes are three; one must eat in his own dish and they must all eat at the same time.

Ungenza ngolu hlobo: Aba bantu bathathu. Utatomkhulu wakho ngutata wokuqala; utata wakho ngunyana wakuqala katatomkhulu wakho. Wena ungunyana wesibini, utata wakho ngutata wesibini. Onyana babini wena notata wakho, notata babini utata wakho notatomkhulu wakho. Abantu bona bathathu, nezitya zithathu, ingulowo uza kutyela esityeni sakhe.

You can do as follows : There are three people. Your grandfather is the first father, your father is the first son, your father is the son of your grandfather and you are the son of your father; you are the second son, your father is the second father. There are two sons, you

and your father; there are also two fathers, your father and your grandfather. In reality, there are only three people and the dishes are also three. Each is going to eat from his own dish.

6. Ndinamthi wam wee-apile, nemizi emithathu, nemilambo emithathu. Indlela yam idlula kuqala emthini wee-apile. Kulo mthi kufuneka ndikhe iiapile eziya kwenela eluhambeni lwam. Xa ndiwela umlambo ziphindwa kabini oko kukuthi xa bezine zibasibhozo. Ndiqala ndikhe iiapile ndiwele umlambo, ndifike emzini. Le mizi yahlulwe yimilambo kufuneka ndiyahlulele ezi apile ngokulinganayo. Akufuneki ziphele phakathi ndingafikanga kumzi wokugqibela, yaye akufuneki kubekho ezisalayo.
- (a) Kufuneka ndikhe zibengaphi emthini?  
 (b) Kumzi wokuqala ndishiye zibengaphi?  
 (c) Kumzi ngamnye ziyakuba ngaphi?

I have got an apple tree of mine, three houses and three rivers. My path passes near this apple tree. From this apple tree I must pick apples which will be enough for my journey. When I cross the river they multiply by two, thus if they were four they become eight. I pick the apples first before I cross the river. These houses are separated by these three rivers. I must divide these apples equally among the three houses. They must not get finished before I reach the last house and there must then be no left overs.

- (a) How many apples must I pick from the tree?  
 (b) How many must I leave in the first house?  
 (c) How many must I leave in each house?

- (a) Emthini yiza nazo zibesixhenxe.  
 (b) Shiya zibasibhozo kumzi wokuqala.  
 (c) Shiya zibasibhozo kumzi ngamnye kule mibini.

- (a) Bring seven apples from the tree.  
 (b) Leave eight in the first house.  
 (c) Leave eight in each of the two houses.

7. Ndinepikoko, le pikoko izalela kwammelwane wam, itya kuye. Ingaba sakuthini xa sisenza isahlulo. Sakufumana ngokulinganayo na?

I have a peacock, this peacock hatches its eggs in my neighbour's house. It is fed by her. How are we going to divide the products? Are we going to get equal shares?

Ipikoko ayizaleli.

The peacock never hatches.

8. Kukho ibhulorho, encinci, kwanele ukuba kungahamba imoto nemeyile qha, kungenakho ukuba kungahamba imoto, imeyile nomntwana wayo. Ngoku kuza imoto ngapha, kuphinde kuze imeyile ihamba nomntwana wayo. Kufuneka zihambe kunye apha ebhulorhweni. Zingathini ukuze ziwele kuba imeyile ayinakwahlukana nomntwana wayo?

There is a bridge, it is small, only a car and a mule can cross it at the same time. Now, there comes a car, a mule and its foal. They must all cross the bridge at the same time. How can they cross, bearing in mind that the mule cannot leave its foal behind?

Ayikho lo nto, imeyile ayizaleli.

There is no such thing - a mule does not breed.

9. Kwakukho umantshingilane, ogada iinkuku. Ngenye imini wasuka ekuseni wabalise inkosi yakhe ukuba uphuphe ebethwa eza kuhlaselwa. Wagxothwa lo, mantshingilane. Wayegxothelwa ni?

There was a watchman who looked after fowls. One day, early in the morning, he told his master that he had dreamed that he was beaten and going to be attacked. The watchman was dismissed. Why was he dismissed?

Wayegxothelwa into yokuba wayelele kucaca into yokuba wayengaga danga ebusuku elele.

He was dismissed because he had slept while on duty. It is clear that he did not watch the fowls at night because he was asleep.

10. Indoda ethile yafika emlanjeni uzele. Yayihamba nengonyama nebhokhwe nekhaphetshu. Yayiza kuwela ngesikhethshana kodwa yayinokuwela nento enye qha ngexesha. Masiqonde okokuba ibhokhwe iyayitya ikhaphetshu, ingonyama

iyayitya ibhokhwe. Uza kuziweza njani ezi zinto.

A certain man came to a river that was in flood. He had a lion, a goat and a cabbage with him. He was going to cross by boat and there was room in the boat for only one thing besides himself. We must note that goats eat cabbages and lions eat goats. How was he going to get these things across?

- (i) Weza ibhokhwe kuqala, uyishiye kwela cala. Ingonyama ayiyityi ikhaphetshu. Ke ngoko akukho ngozi ekuzishiyeni zombini ezi zinto.
- (ii) Buyela kweli cala uweze ikhaphetshu uyishiye yodwa ingonyama. Kodwa ukuba ibhokhwe nekhaphetshu zishiyeke kunye, ibhokhwe iyakuzitya ikhaphetshu. Ngoko ke thatha ibhokhwe uphinde nayo kula ndawo inengonyama uyishiye yodwa ikhaphetshu.
- (iii) Xa ufike kwela cala, shiya ibhokhwe ngasemva uweze ingonyama, ikhaphetshu nengonyama ziphinde zakunye kodwa kwelinye icala.
- (iv) Buya uze kuthatha ibhokhwe.
- (i) Take the goat across first, and leave it on the other side. The lion will not eat the cabbage, so there is no harm in leaving the two together.
- (ii) Return to this side and take the cabbage over, leaving the lion alone. But if the goat and the cabbage are together, the goat will eat it. So take the goat back to where the lion is leaving the cabbage alone on the other side of the stream.
- (iii) When you have reached this side of the stream, leave the goat behind and take the lion across so that the lion and the cabbage are together again, but now on the other side.
- (iv) Then come back for the goat.

11. Kukho abantwana babini. Ubunzima babo bu-50kg emnye. uTata nomama babunzima bu-100kg emnye. Bafuna ukuwela ngesikhethshana. Isikhethshana sithwala umthwalo ayi-100kg ngexesha. Bangawela njani?

There are two children. They weigh 50 kg each. The father and the mother weigh 100 kg each. They want to cross the river by boat. The boat will carry a load which is 100 kg at a time. How will they cross?

Kuza kuqala kumke abantwana bobani. Omnye aphinde ashiyeke kumke omnye kwaba babunzima obuyi-100kg emnye. Xa efika kwela cala esi sikhethshana sibuye nala mntwana ebeshiyekile. Baphinde aba bantwana bawele kunye. Afike ashiyeke omnye wabo, omnye aphinde. Xa efika kwela cala uyashiyeka kuwele 10 ubunzima buyi-100kg. Xa efika ngaphaya kukhwela la mntwana aphuthume omnye kwela cala babuye kunye.

- (i) The children will cross the river together.
- (ii) One child returns with the boat.
- (iii) One who weighs 100 kg crosses the stream.
- (iv) When she has crossed, the child who was left on the other side returns with the boat.

There is only one person who has crossed the stream so far. It is the mother.

- (v) The two children will cross the river again for the second time.
- (vi) One remains and the other returns.
- (vii) When he arrives with the boat, he is left and the father crosses.

There are now three people across, viz., the father, the mother and the child. The second child is still on the other side.

- (viii) The first child crosses the river to the other side to fetch the second child. They return together.

12. Kukho umntu omnyama, ukhwele emotweni nabelungu ababini. Aba belungu bayamcaphukela lo mntu umnyama. Le moto ayinanombolo. Singathi ithini inombolo yale moto?

A black man is driving in a car with two white men. These two hate this black fellow. This car has no number-plate. What is its possible number?

281.

(Ababini	bathiye	omnye)
Two	hate	one

13. Ithini inombolo yemfonomfono kaAdamnoEva.

What is the phone number of Adam and Eve?

2813

(Ababini batya umthi omnye)

Two ate from one tree

14. Xa amadoda esiya eNode, e-East, eWest naseSude kuxa afuna ntoni?

When men go to the North, East, West and South what do they want?

Afuna iindaba.

They want news.

(N	-	North	
E	-	East	
W	-	West	N E W S
S	-	South)	

15. Ukuba emotweni kukhwele abantu, omnye unxibe impahla zekhaki, omnye isuti emnyama, ngoku isitshixo silahlekile. Ngubani onokuvula imoto?

If there are two people in a car, one is wearing khaki clothes and the other a black suit, and the car keys get lost, who will open the car?

Ngulo unempahla zekhaki.

The one wearing the khaki clothes will.

(Khaki = car-key)

16. Unesihlangu sinye qha. Uthi unesosihlangu ukhonkothwe zizinja, enye ide ikutye. Wena into oyifunayo sishlangu. Ungathini ukuze uzuze sisihlangu sesibini.

You have one shoe only. While still in possession of this shoe, dogs bark at you, one going to the extent of biting you. What you need is another shoe. What can you do to get the second shoe?

Uza kuthi xa utyiwa yinja, Shu! ((shoe) - sisihlangu) ufumane isihlangu unxibe.

When the dog bites you, you will say "Shoe"!, you then get the shoe and put it on.

17. Kukho umthi wee-apile. Kulo mthi kukhwele inkawu. Ufuna ezi apile. Ungathini ukuze uzifumane?

There is an apple tree on top of which is a monkey. You want these apples, what can you do to get them?

Gibisela inkawu ngelitye, yona iza kugibisela nge-apile.

Throw a stone at the monkey as it will, in turn, throw an apple at you.

18. Kukho imali igadwe yinyoka ngasemlanjeni, le nyoka inomntwana. Kukho nabantu beCawa neCawa ekwalapha. Kukho nehlati, eli hlathi ligadwe ngamapolisa. Le mali uyayifuna. Ungathini ukuze uyifumane?

There is money which is looked after by a snake near the river. The snake has an infant. There is a church and a church congregation around. There is also a large forest which is looked after by the police. What can you do in order to get the money?

Betha intsimbi yeCawa, abantu baza kubaleka baye eCaweni. Tshisa ihlati amapolisa aza kubaleka. Thatha ilitye ugibisele la mntwana wenyoka phaya emanzini. Unina uza kubaleka aye kukhangela ukuba umntwana wakhe ubethwa yintoni na. Ngalo mzuzu aye kujonga umntwana, uthatha imali, ubaleka nayo.

Ring the church bell, the congregation will run to church. Burn the forest, surely the police will run away. Then take a stone, throw it at the infant which is in water. The snake will suddenly go to her infant to see what is wrong. At that very moment, when she is still concentrating on the young one, take the money and run away.

19. Kukho itraffic cops ezimbini zisendleleni. Enye igade imoto ezivela ngasentla, enye igade ezivela ngasentla, enye igade ezivela ngasezantsi. Omnye uhleli kwelinye icala, nomnye kwelinye. Kodwa isimanga omnye uyambona omnye xa encuma. Bahleli njani?

There are two traffic cops on the road. One is watching cars coming from the North and the other is watching those coming from the South. One is sitting on one side and

the other on the other side. But what is surprising is that they see each other when smiling. How are they sitting?

Bajongene.

They are facing each other.

20. Ndinamntu wam uvalelwe endlwini endala engenazimpahla. Kule ndlu kukho ipiyano, ibhedi endala nekhalenda. Ukuba lo mntu unengqondo angaphuma kule ndlu ngoku itshixiweyo. Akulamba angatya, asele azuze nesitshixo. Aphume. Angazizuza njani ezi zinto?

I have a person of mine, he is locked up in an empty old room. In this room there is a piano, an old bed with a spring and a calendar. If this person is clever he can get out of this room, though it is locked. He can eat if he is hungry, drink water when thirsty and get the key and get out of the room. How can he get these things?

Akucula kwipiyano ufumana "ikey" atye "idates" kwikhalenda, asele amanzi kwiSpring.

When he sings from the piano, he gets the "key", he eats "dates" from the calendar and drinks water from the Spring.

21. Kukho inkomo ezimbini, enye ijonge eMpuma, enye eNtshona. Ufuna zityele esityeni esinye esilapha phakathi kwazo. Kufuneka ungazichukumisi ezi nkomo. Uzakwenza njani?

There are two beasts, one faces the East and the other the West. You want them to eat in one dish which is in the middle. You must not touch them. What must you do?

Zihleli zijongene ezi nkomo, akukho nto uza kuyenza.

These beasts are already facing each other, so you are going to do nothing.

22. Inkomo iya ngaseNtshona umsila wayo ujonge ngaphi?

A beast goes to the West; which direction does its tail face?

Ujonge ezantsi.

It faces downwards.

23. Unyuke ngeleli ukukhwela phezu kophahla lwendlu.  
Uthi xa uphezulu iwe ileli. Ngoku ufuna ukwehla,  
ungehla njani?

You climbed up a ladder to the roof of a house.  
When you are still on top the ladder falls. You want  
to climb down. How can you do this?

Ungahleka uthi Ha! Ha! Ha! Uthathe O-H ubadibanise  
wenze ileli.

You can laugh and say: "Ha! Ha! Ha!"

Then you take the H's and join them and make a ladder.

CHAPTER 6

(a) SIMILARITIES IN SOME RIDDLES

(b) HOW RESEARCH ON RIDDLES CAN BE CONDUCTED

This is a comparatively short chapter which deals specifically with similarities in riddles and how research on riddles may be conducted.

(a) SIMILARITIES IN RIDDLES

Some riddles which occur in Xhosa are also to be found in other African languages. Although they are not identical, there are structural similarities.

The similarities in form and content prove once more their universality. Riddles all cover the world and reflect the culture of the people from which they are drawn.

Let us consider the following examples :-

1. An Egg

In almost all the riddles the egg is referred to as a house that has neither door nor window.

Examples

(i) Ngoni

Ndamanga myumba yopanda khomo.  
Dzira.

I have built my house without a doorway.  
It is an egg.

(ii) Mwera

Cangali nnango.  
Liji.

It has no door.  
It is an egg.

(iii) Swahili

Nyumba yangu kubwa, haina mlango.  
Yayi.

My house is large, it has no door.  
It is an egg.

(iv) Kgatla

Mpolêllê dilô ompolêllê gore ntlo etshweu eesenang mojako keeng? Kelee.

Tell me something, tell me what is the white hut which has no door. It is an egg.

(v) Xhosa

Ndinandlu yam ayinamnyango ayinafestile.  
Liqanda.

I have a house of mine, it has no door and no window.  
It is an egg.

2. The needle

In Sotho the needle is referred to as a snake and in Xhosa as a horse. The thread is referred to as a tail in both examples.

(i) Sotho ? Tswana

Mpolêllê : noxa e ya reng xe e kxaoxile moxatla e seke e tsamae.

Ke nelete.

Tell me: a snake which, when its tail is removed, cannot walk.

(ii) Xhosa

Ndinahashe lam alinakuphala lingenamsila.  
Yinaliti ayinakuthunga ingenamsonto.

I have a horse of mine, it cannot gallop without a tail.  
It is a needle which cannot sew without a thread.

In the riddles above the functional aspect of the needle is emphasized.

3. Water(i) Nyanja

Kanthu kosagona tulo.  
Madzi.

Something which does not sleep.  
This is water.

(ii) Xhosa

Ndinamntu wam uhamba ubusuku nemini akalali.  
Ngamanzi.

I have a person of mine, he walks night and day and does not sleep.

It is water.

4. Teeth and Tongue(i) Zulu

Izinkomo ezimhlophe eziluswa yinkunzi ebomvu.  
Amazinyo nolimi.

The white cows which are looked after by a red bull.  
Teeth and tongue.

(ii) Tsonga

Ndzivonile murisi wopshwuka arisa tihomu tobasa-ntse.  
Iririmi nimatinyo.

I have seen a red shepherd herding white cattle.

(iii) Sotho

Mpolêllê: kxomo tse thswaana tse di pôô khunou.  
Ke leleme le mênô.

Tell me the white cows with a red bull.  
It is the teeth and tongue.

(iv) Xhosa

(a) Ndinankomo yam ibomvu ebuhlantini obumhlophe.  
Ngamazinyo nolwimi.

I have a beast of mine, it is red in a white kraal.  
It is the teeth and tongue.

(b) Isibaya sam sakhiwe ngamatye amhlophe sinenkomo enye enkulu  
ebomvu.  
Ngamazinyo nolwimi.

My kraal is built up of white stones with only one big red  
beast inside.

It is the teeth and tongue.

These riddles are based on the two colours, red and white, which are the colours of the teeth and tongue.

### 5. Grinding stone

#### (i) Nyanja

Mwana wamenya wamkuru.

Mwanamphero.

The child has struck the elder one.

The upper grinding stone.

#### (ii) Xhosa

Umntwana osileyo ucinezela unina.

Lilitye nembokothwe xa kusilwayo.

A naughty child presses its mother down.

It is the smaller stone used for crushing mealies against the larger flat stone.

These riddles are based on the size of the grindstones since the bigger grinding stone is referred to as the elder in example 1 and as the mother in example 2. The smaller grinding stone is referred to as a child in both examples.

### 6. Sky and Stars

In Xhosa the sky is the field and in Sotho it is the yard and a black garden. In both Xhosa and Sotho the stars are referred to as corn.

#### (i) Sotho

(a) Mpolêllê : ka anexa molalatsatsa lapeng, ya re ke tsoxa ka seka ka o fithle la.

Ke naleli.

Tell me: I spread sprouted corn in my yard, when I wake up I cannot find it.

It is the stars.

(b) Mpolêllê : thsimo e nthso e mabêlê masweu.

Ke lexodimo le dinaledi.

Tell me of a black garden with white corn.

It is the sky and stars.

(ii) Xhosa

Ndinantsimi yam inkulu ilinywa amazimba odwa, ukhozo lombona lunye.

I have a field of mine, it is big, it is planted with corn only; there is only one maize grain.

The field is the sky, corn is the stars and the maize grain is the moon.

7. Matches(i) Sotho *Tswana*

Mpolêllê: kxomo tse ditsweu tse dithloseo ndinthso.  
Ke dithlokwa tsa mollô.

Tell me the white cattle with black heads.

It is matches.

(ii) Xhosa

Ndinabantu bam bavathe ezimhlophe bathwele iiqhiya ezimnyama.  
Yimicinga yematshisi.

I have people of mine, they are wearing white clothes with black headgears on.

It is matches.

Although I am not certain about this fact, I feel that some of these similarities are due to borrowing. Borrowing enriches the language and culture of a people.

(b) HOW RESEARCH ON RIDDLES CAN BE CONDUCTED

There are no specific methods which are set for the collection of riddles. But since I have been working on this project I discovered that the best and easiest way of collecting riddles is to consult school children, aged between 10 and 18 years.

Teachers may ask pupils to write down these riddles every day. Each pupil or student is asked to bring five to ten riddles a week, and these are recorded by the teacher. The number of riddles will increase with the advance of time.

One can also conduct the research out of the classroom. The best method is to use a tape recorder. You can ask one

subject at a time and when he is through, you can then let him listen to his voice on the tape. This method will inspire children and each one of them will come up with his own riddles, doing his best not to repeat someone else's.

Since riddles are a pastime for children the young ones are always more willing than adults to provide the researcher with a list of them. Needless to say, the researcher will collect few riddles from adults.

### CONCLUSION

Amongst the Xhosas riddles are primarily for entertainment, although they do have an educational value. They are also intended to arouse curiosity and they demand the exercise of intellectual skill in answering them.

S. Kossick (1968, p. 43) says :

The demand which riddles make upon one's ingenuity is amply repaid by the insight which the poems afford into the objects they define. This is achieved by the poet's ability to extract the very essence of an object, or to fasten onto the paradox which makes it what it is.

BIBLIOGRAPHY

1. Blacking, J. (1961) "The Social Value of Venda Riddles", in African Studies Vol. 20, Wits University Press, Johannesburg.
2. Beuchat, P.D. (1957) "Riddles in Bantu", in African Studies, Vol. 16, Wits University Press, Johannesburg.
3. Callaway, E. (1868) Nursery Tales, Tradition and Histories of the Zulus, Vol. 1, Trubner, London.
4. Cole-Beuchat, P.D. (1958) "Notes on some Folklore Forms in Tsonga and Ronga", in African Studies, Vol. 17, Wits University Press, Johannesburg.
5. Doke, C.M. (1947) "Bantu Wisdom Lore" in African Studies, Vol. 6, Wits University Press, Johannesburg.
6. Finnegan, R. (1970) Oral Literature in Africa, Oxford University Press, London.
7. Fortune, G. (1951) Some Zeruuru and Kalanga Riddles, NADA 28.
8. Gowlett, D.F. (1975) "Common Bantu Riddles" in African Studies, Vol. 34, Wits University Press, Johannesburg.
9. Gray, E. (1939) "Some Riddles of the Nyanja People" in African Studies, Vol. 13, Wits University Press, Johannesburg.
10. Guma, S.M. (1967) The Form, Content and Technique of Traditional Literature in Southern Sotho, Van Schaick Pretoria.
11. Hadebe, S.B. (1967) "A Brief Survey of Zulu Riddles" in Limi no. 4 : Department of of Bantu Languages UNISA Pretoria.
12. Harries, L. (1942) "Some Riddles of the Makua People" in African Studies, Vol. 1, Wits University Press, Johannesburg.
13. \_\_\_\_\_ (1942) "Makua Song Riddles from the Initiation Rites in African Studies, Vol. 1, Wits University Press, Johannesburg.

14. Harries, L. (1947) "Some Riddles of the Mnerato People" in African Studies, Vol. 6, Wits University Press, Johannesburg.
15. Jordan, A.C. (1973) Towards an African Literature, University of California Press, Berkely Los Angeles, America.
16. Junod, H.A. (1913) The Life of a South African Tribe, Vol. 2, Artinger New-chatel.
17. Junod H.P. and Jacques, A.A. (1936) The Wisdom of the Thonga Shangaan People, Johannesburg Swiss Mission.
18. Junod, H.P. (1939) Bantu Heritage, Horters Johannesburg.
19. Kotsane, S.J. (1976) "Discuss of Five Northern Sotho Riddles" in Limi Vol 4 No. 1 & 2, Department of Bantu Languages, UNISA, Pretoria.
20. Lestrade, G.P. (1959) "Traditional Literature" in Bantu Speaking Tribes of South Africa, Routledge & Kegan Paul, London.
21. Moloto, E.S. (1968) "Tswana Riddles", in Limi vol.4 Department of Bantu Languages, UNISA, Pretoria.
22. Nakene, G. (1943) "Hlokwa Riddles" in African Studies Vol. 2, Wits University Press, Johannesburg.
23. Nkonki, G. (1968) The traditional prose literature of the Ngqika, M.A. thesis, UNISA, Pretoria.
24. Schapera, I. (1932) "Kxatla Riddles and their Significance" in African Studies, Vol. 6, Wits University Press, Johannesburg.
25. Smith, W.E. and Dale A.M. (1920) The Ila Speaking Peoples of Northern Rhodesia Vol. II, Macmillan Co. London.
26. Taylor, A. (1951) English Riddles from Oral Tradition, University of California Press, Berkeley, Los Angeles America.

27. \_\_\_\_\_ (1953) "Riddles in Dialogue" in Proceedings of the American Philosophical Society, 97.
28. Tylor, E.B. (1924) Primitive Culture, London, Murray.
29. Woodward, H.W. (1935) "Makua Tales" 2nd Series, in African Studies Vol. 9, Wits University Press, Johannesburg.

"THE REST IS LOST"

-----oOoOo-----

